## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

### ISICATSHULWA

| | | |
|---|---|---|
| 1.1 | Wayeyititshalakazi esikolweni kwaGaga. | (1) |
| 1.2 | KwiPhondo leMpuma Koloni | (1) |
| 1.3 | Wayejonge ukuthweswa imbasa yeB.A. kunyaka olandelayo. | (1) |
| 1.4 | Kwikhaya elindilisekileyo, ikhaya elingayifuniyo into embi nokuva kuthethwa ngegama lalo kakubi. | (2) |
| 1.5 | Bezivela xa kuxoxwa ezimbizweni apho ubeye abonakalise ubukrelekrele bengqondo engayeki into idlule engayiqondanga. | (2) |
| 1.6 | Seenyanga ezintathu. | (1) |
| 1.7 | Ekuseni/ebusuku/ehlotyeni | (1) |
| 1.8 | Isidima | (1) |
| 1.9 | Uthe akuthotywa isidima wakhetha ukuya kuyisemncinci eRhawutini kuba esoyika ukugoduka lihlazeke ikhaya lakhe. | (2) |
| 1.10 | a) Wayeteketiswa | (1) |
| 1.11 | Umqombothi | (1) |
| 1.12 | Wayesitya amaqhosha ebhatyi yakhe. | (1) |
| 1.13 | Akathandwa ngabantu kuba kaloku ukufumana kwakhe imfundo kubo kuyatshisa. | (2) |
| 1.14 | Hayi: UMbulelo ukhethe ikhondo lobufundisi, khondo elo elifuna ubungcwele emntwini, xa athe waphazama ayilungise impazamo yakhe ingekabonwa ngabantu ngoba ufanele abe ngumzekelo ebantwini aza kubakhokela. | (3) |
| 1.15 | Luluvo. Ukufundiswa komntwana nokuba yintombazana okanye yinkwenkwe lilungelo lakhe, luxanduva lomzali. | (2) |
| 1.16 | Inkulu/indlalifa | (1) |

1.17 Indaba ziyawoyika umbethe (1)

1.18 Ubexoxa kome amathe. (2)

1.19 a) Intlanganiso yelali ekhokelwa ngusibonda okanye inkosi.

b) Ukumka uyishiye indawo. (2)

1.20 Ngewayebuyele esikolweni akukhululeka ngoba ngoku kukho amalungelo abantwana nabantu abadala/ ngewayengayekanga/iititshala ngoku zivumelekile ukuba zigcinwe emsebenzini nokuba azitshatanga xa zithe zehlelwa sisiwo. (2)

**[30]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Amanqaku abiwa ngolu hlobo lulandelayo:

- Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7.
- Amanqaku ama-3 olwimi.
- Amanqaku ewonke: 10

**Ulwabiwo lwamanqaku:**
**Ulwabiwo lwamanqaku olwimi:**

1-3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1.
4-5 amanqaku: Nika amanqaku ama-2.
6-7 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

Ngokwezivakalisi, mazithungelane ziyondelelane.

**Qaphela:**

**Ifomathi:**
Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngemo engachanekanga, masiphononongwe.

**Ubalo-magama:**

Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.

Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibhalanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama alibhalileyo alichanekanga.

Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.

Ubomi kwiminyaka elishumi buya kube butshintshile. Iteknoloji iza kuzisa izinto ezintsha yonke le mihla. Abafundi beli xesha baza kube betshintshile. Amathuba emisebenzi aza kuvuleleka, imisebenzi efana nokubekwa kwabafazi kwizikhundla eziphezulu. Aza kuvuleleka amathuba kwindawo ebezifudula zizezabamhlophe bodwa. Kwicandelo lezeNzululwazi, abafazi baza kuba ngongqondo-ngqondo. Olu tshintsho luza kudala intsebenziswano phakathi kwamazwe omhlaba. Abantwana kuza kuba kunzima ukuya ezikolweni ngenxa yabantu abazizigebenga.

**OKANYE**

- Ubomi kwiminyaka elishumi buya kube butshintshile.
- Amathuba omsebenzi ayakuvuleleka kumacandelo amaninzi.
- Abafazi baza kubekwa kwizikhundla ebezifudula zizezamadoda bengoongqondo-ngqondo.
- Ezemidlalo nazo ziza kuvuleleka kulutsha lonke.
- Abafundi bangoku kuyanyanzeleka ukuba bafunde ukuze bakwazi ukuxhamla kolu tshintsho.
- Olu tshintsho luza kudala intsebenziswano phakathi kwamazwe omhlaba.
- Abantwana kuza kuba nzima ukuba baye esikolweni ngenxa yobugebenga.

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: UKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 3

| | | |
|---|---|---|
| 3.1 | abantu abatsha/abafana namantombazana | (1) |
| 3.2 | Ungayindumasi | (1) |
| 3.3 | Isixando sokwenzela | (1) |
| 3.4 | Ububhinqa/ ubukhomokazi | (1) |
| 3.5 | mfanekiso | (1) |
| 3.6 | Eyona – isimelabizo sokugxininisa/ le – isimelabizo sokwalatha /apho – esokwalatha | (2) |
| 3.7 | kufuneka sibonakale/ sitsala umdla wabafundi. | (1) |
| 3.8 | kwimagazini- isihlomelo sendawo. | (2) |

**[10]**

**UMBUZO 4**

4.1 Hayi, ufuna ukwanelisa iimfuno zakhe zenyama./ ufuna uthando ukuze amonyusele imali. (2)

4.2 Athetha ukuba useza kuqhubekeka nentetho. (1)

4.3 unomzimba – isibanayo (2)

4.4 neesha – nexesha/ebindiyicinga- into ebendiyicinga/sike-sikhe/kugqitue-kugqithe (4)

4.5 Umntu ngumntu ngabantu. (2)

4.6 Sisiphawuli/ isihlanganisi/ isilabalabi, intsiza senzi/ isimelabizo sokwalatha/ Isihlomelo sendawo. (5)

4.7 c/ ukuphela + iveki (1)

4.8 Ngumthetho – Isibayiyo (2)

4.9 Liyalahlwa iceba xa kusalathwa (1)

4.10 Umqolo wakhe ubuhlungu.
Umqolo wale ncwadi mfutshane./ akakwazi kuyimela into ayithethayo (2)

4.11 Ukukrwempa (1)

4.12 Inkohlakalo (1)

4.13 Ndaya e-ofisini kaMnu. Khumalo ndazama ukuthetha naye. (2)

4.14 Nkosazana (1)

**[27]**

**UMBUZO 5**

5.1 uthekwane.

5.2 imbulu.

5.3 ilulwane. **[3]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**

**AMANQAKU EWONKE: 80**